WITZENBERG
Municipality • Munisipaliteit • UMasipala Wase

EYOMQUNGU – MDUMBA 2026

# NEWSLETTER




**I-WM ithatha ukuhanjiswa kweCompactor entsha enexabiso leenkulungwane zemali.** **Funda ngakumbi kwiphepha 2.**



uSodolophu
Cllr Trevor Abrahams

## Ezisuka kuSodolophu

Molweni maWitzenberg,

Ndininqwenelela u2026 osikelelekileyo! Wanga lo nyaka mtsha unganiphathela uvuyo ulonwabo nempumelelo. Siyavuyisana neKlasi ka2025. Siyazingca ngani. Sininqwenelela okuhle kodwa kwimizamo yenu yexesha elizayo. Kubafundi, abasebenzi abaxhasayo, ootitshala nabazali balo nyaka wemfundo mtsha osele uqale ngamandla amakhulu, sininqwenelela impumelelo nani.

Ndivuyiswa kukwazisa ukufika kwesithuthi esakhelwe ukuminxwa kwenkukuma kwindawo yokulahla inkukuma, exabisa iR5,14 yezigidi. Olu tyalomali lukhulu kangaka lumele inyathelo elibalulekileyo ekomelezeni imisebenzi yolawulo lwenkukuma kwindawo yokulahla inkukuma yasePrince Alfred's Hamlet. Kusekwe isicwangciso sokusebenza sokujongana nomgangatho wamanzi nemingeni yeziseko zophuhliso eqhubekayo esijamelene nayo eTulbagh. UMasipala ukwabhiyozele abaGqwese kwiMatrikhi eWitzenberg ngo25 ukwavuyisana noMnu. Sarel Brown ngokuseka iNgxowamali yeMatrikhi yaseWitzenberg.

Sifumene uPhicothozincwadi oluNgenachaphaza lwe13 ngokulandelelana oluvela kuMphicothizincwadi Jikelele emva kwenkqubo yophicothozincwadi ende nenzulu. Sidlulisa umbulelo ongazenzisiyo kubo bonke abachaphazelekayo ekuqinisekiseni ukuba ezemali zethu zisempilweni yaye zimi ngendlela.

Ngenxa yamaqondo obushushu aphezulu nokutshisa okugabadeleyo esijamelene nakho ngoku, sicela nizikhathalele yaye nihlale nisela. Qhubekani nokusebenzisa amanzi ngendlela eyongayo nenenyameko nixele ukusetyenziswa kakubi kunye/ okanye nemiba yokuhanjiswa kweenkonzo kwiGumbi loQwalaselo kwa023 492 0181/2 okanye uthumele umyalezo weWhatsApp ku081 896 5480.

**EMERGENCY NUMBERS**

WITZENBERG MUNICIPALITY
023 316 1854 (office hours)

24-HOUR EMERGENCY CONTROL ROOM
023 492 0181/2

CERES: 023 316 8600/24
TULBAGH: 023 230 8100
PA HAMLET: 023 313 3133
WOLSELEY: 023 231 8000

CERES HOSPITAL:
023 316 9600

AMBULANCE:
023 346 6000

FIRE SERVICES:
023 492 0181/2 (all towns)
112 (from any cellular phone)

# I-WM izisa isiThuthi sokuMinxanisa inkukuma esitsha sezigidi zeerandi

UMasipala waseWitzenberg uvuyiswa kukwazisa ngokufika kwesithuthi sokuminxanisa inkukuma esitsha esilungiselelwe lomsebenzi-esixabisa iR5,14 yezigidi. Olu tyalomali lukubaluleka kunje linyathelo elibalulekileyo eliya ngasekuphuculeni izenzo zolawulo lwenkukuma kwindawo yokulahla inkukuma yasePrince Alfred' Hamlet yaye luyinxalenye yokuzimisela okuqhubekayo koMasipala kukhuseleko lwendalo, ukulandelwa komthetho kunye nozinzo lwexesha elide lweziko.- Isiminxanisi senkukuma kwindawo yokulahla inkukuma siyilelwe ukuminxanisa inkukuma eqinileyo kamasipala ukwenzela ukucutha umthamo wayo.

Bokuminxanisa inkukuma ngokusebenzayo, lo matshini uphucula ithuba lokusebenza lendawo yokulahla inkukuma, uphucula uzinzo lwale ndawo ukwaxhasa nendlela eyenza ngayo indalo esingqongileyo. Okubalulekileyo, ukuminxaniswa kwenkukuma okuphuculweyo kucutha isenzeko sokushiyeka kwevundu nokuqhambuka komlilo, mba lowo usanda kuchaphazela indawo yokulahla inkukuma yasePrince Alfred Hamlet waza wanyusa ixhala kubahlali.

USodolophu, uKhansila Trevor Abrahams uye wakuqhwabela izandla ukufika kwesi sithuthi, ebonisa ukubaluleka kwaso ekusombululeni umngeni ekukudala uqhuba kule ndawo yokulahla inkukuma. "Sityale imali kwesi sithuthi sokuminxanisa inkukuma njengendlela esebenzayo yesisombululo kukuqhambuka komlilo okuninzi esikufumeneyo kweli ziko ngaphambili. Ithemba lethu lisekubeni, ngaphezu kokucutha imililo, siza kucutha nawo nawaphi amaxhala anokuba athe avela ngenxa yomsi nevundu. Olu tyalomali lubonisa ukuzimisela okuqhubekayo ekukhuseleni uluntu lwethu kunye nasekuphuculeni indlela esilawula ngayo inkukuma eWitzenberg."

Nangona imililo yeendawo zokulahla inkukuma izizehlo ezinzima ezifuna ulawulo olukhethekileyo, sekuqhutywe uluhlu lwezenzo zongenelelo ukwenzela ukuzinzisa le ndawo yokulahla inkukuma nokuthintela eminye imingcipheko.

La manyathelo aquka oku kulandelayo:

- Kuye kwaqhutywa isenzo esicwangcisiweyo sokususa abantu abahlala ngokungekho mthethweni nokungafunekileyo, nabebenegalelo ekukhuliseni iimeko ezingakhuselekanga kule ndawo yokulahla inkukuma.
- Kongezelelwe abanye abasebenzi, yaye kubekwe amagosa oNyanzelisomthetho kweli ziko ukwenzela ukunqanda ukungena kwabantu ngokungagunyaziswanga.
- Kuthathwa amanyathelo okucoca uhlaza olungqonge le ndawo, apho kunokwenzeka, kodwa kuthathelwa ingqalelo indalo ebuthathaka kunye nokuvuma komthetho okuyimfuneko.
- Ukulungiswa kwendlela engenayo apha kubekwa phambili ukwenzela ukuxhasa amaxesha okuphendula akhawulezayo kunye nofikelelo olusebenza ngcono lwabo basebenza kule ndawo.
- Amafama ale ndawo azinikele ukuba ancedise njengabantu bokuqala ukufika xa kunokuphinda kuvele umlilo, nto leyo yomeleza ukulungela ukusebenza nentsebenziswano esekelwe kuluntu.-
- Yonke iminxeba eya kwiGumbi loQwalaselo yeeyure ezingama24-iyaqhubeka nokuphathwa ngokona kungxamiseka kuphezulu ize idluliswe ngoko nangoko.
- Esi sithuthi sokuminxanisa inkukuma sendawo yokulahla inkukuma siya kwenza indima ebalulekileyo ekucoceni, ekugangatheni nasekuminxaniseni inkukuma ngokusebenzayo, size sigbele ngokunciphisa umngcipheko wevundu elihlala libakho.



Ukuziswa kwalo matshini usebenza nzima luphuculo olwamkelekileyo kwizela lolawulo lwenkukuma yaye kuyinxalenye yesicwangciso esibanzi sokuzinzisa izenzo, kuphucule ukukhuselwa kwendalo kuze kuphucule ulawulo lwethuba elide lweziko.- Amaqela entsebenzo aza kuqhuba nokubeka esweni ngocoselelo ezi meko aze aphucule indlela yawo ngokwendlela eyimfuneko.

UMasipala waseWitzenberg uvakalisa umbulelo ongazenzisiyo kubahlali, amaqela achaphazelekayo kunye noluntu lwezolimo nokufuya ngomonde, intsebenziswano nokuzimisela kwabo ukuncedisa ngeli xesha linzima. UMasipala usazimisele ukuvula unxibelelwano aze aqhubeke nokunika izinto ezintsha njengokuba kuqhuba inkqubela.

## ISICWANGCISO SENTSEBENZO SE-WM SOKUJONGANA NEMIBA YOMGANGATHO WAMANZI ETULBAGH



UMasipala waseWitzenberg ungathanda ukusingatha uBambiswa kwezoBulungisa eWitzenberg kunye nabahlali baseTulbagh ngokunxulumene neenkxalabo eziqhubekayo malunga nomgangatho wamanzi olucha-phazela le ndawo. Le meko yangoku ibangel-we kakhulu luxinzelelo lamaxesha onyaka kwizihambisi zamanzi. Kwiinyanga zehlobo ezitshisayo, imfuneko yamanzi iye yanyuka kakhulu, ngelixa iinyanga zobusika ziqaphe-leka ngokusetyenziswa kwamanzi okukwin-qanaba eliphantsi noko.Le pateni, idityaniswe nokukhula okukhawulezayo nokungalawulekiyo koluntu, kubeke uxinzelelo olunzima kwiziseko zophuhliso esele zikhona eTulbagh.

Abahlali babuzile ukuba kutheni lo mba uchaphazela ngokukodwa iTulbagh ungazichaphazeli ezinye iidolophu. Isizathu kukuba idolophu nganye isebenzisa imithombo yamanzi, iinkqubo zokucocwa kwamanzi kunye neendlela zokuwagcina ezahlukileyo. Kwimeko yaseTulbagh, le dolophu inomthamo wetanki lamanzi elakhiweyo omncinci kuneminye wokuba ufezekise iimfuno eziphezulu. Njengokuba amanzi engena kule ndlela yokuwahambisa, athi asetyenziswe phantse ngoko nangoko ngenxa yokusetyenziswa ngokugqithisileyo kwawo, nto leyo iwashiya emancinane agciniweyo. Xa umthamo wamanzi kwimithombo yawo wehle kakhulu, intsila esenzantsi emanzini iyaphazamiseka ize ingene kwizihambisi zamanzi kunye namanzi aseleyo. Oku kunokubangela ukuba amanzi amane esiba nombala otshintshayo. Ngoko ke abahlali bayaziswa ukuba amanzi angamane etshintsha umbala phantsi kwezi meko.

Nangona umgangatho wamanzi uphucuke kakhulu emva kokufakwa kwezihluzi ezitsha, ukugutyulwa ngamanzi kweendawo nezitalato ezichaphazelekayo kunye nongenelelo olongezelelweyo kumsebenzi, umthamo wokugcina amanzi ongoneliyo usengumngeni ophambili. Ukuvavanywa kwamanzi okuqhubekayo okuqhutywa nguMasipala, iSebe lezaManzi noGutyulo kunye neelebhu ezizimeleyo. Iziphumo zeemvavanyo zingqina ukuba amanzi ethu ayayilandela imigangatho yeSANS yaye akhuselekile ukuba abe angasetyenziswa ngabantu. Umthamo wangoku onokugcwaliswa ngamanzi aseTulbagh umalunga ne1 megalitha. Noko kunjalo, kusacwangciselwe uphuculo olumandla. Kulindeleke umthombo wamanzi oyi3 megalitha noza kufumaneka ngengxowamali yeMIC yaye sekuqalile ukuhlaziywa kwetanki lamanzi elakhiweyo eliyi800 khilolitha okwakumisiwe ngaphambili. Lakuba ligqityiwe, umthamo opheleleyo wamanzi anokugcinwa eTulbagh kulindeleke ukuba unyukele ukuya malunga nee5 megalitha ungaphelanga lo nyaka uzayo.

URhulumente weNtshona Koloni kunye neSebe lezaManzi noGutyulo bakwancedisa ekujongeni amanye amathuba enkxasomali ukwenzela ukomeleza ukuqinisekisa ngobukho bamanzi ixesha elide.
Isicwangciso sokusebenza soMasipala simi ngolu hlobo lulandelayo:
Ixesha elifutshane:

- Ukulungiswa okuqhubekayo kwetanki lamanzi elakhiweyo elikhoyo
- Ukugutyulwa okuqhubekayo kwemibhobho yokuhambisa amanzi
- Ukuphendulwa ngokukhawulezayo kwezikhalazo ezimalunga
- nomgangatho wamanzi, ngakumbi eTulbagh
- Ulungiso gabalala nokubekwa esweni okuqhubekayo Ixesha eliphakathi:
- Ukunikwa nokwakhiwa ngempumelelo kwetanki lamanzi elakhiweyo elitsha Ixesha elide:
- Ukuqhutywa kokuhlaziywa ngakumbi kweteknoloji, kuquka indlela yethelemetri.

Umasipala uyazibophelela kunxibelelwano olwenziwa maxa onke kunye nokwaziswa kwezinto ezintsha okuselubala, njengoko kucetyiswa ziingcali zolungiso zethu. Sibulela abahlali ngokuqhubeka benomonde, intsebenziswano nokuqonda iimeko njengoko sisebenzela ukusombulula le mingeni nokomeleza indlela yokuhanjiswa kwamanzi eTulbagh kwixa elizayo. Xa kunokwenzeka uzibone ujamelene nemiba yomgangatho wamanzi kunye/ okanye ukuhanjiswa kwawo, nceda uyixele kwiGumbi loQwalaselo kwa(023) 492 0181/2 okanye usithumelele uWhatsApp ku081 896 5480.

## I-WM iBhiyozela abaGqwese kwiMatrikhi ikwaQhwabela izandla uMnu. Sarel Brown ngokuSeka iNgxowamali yeMatrikhi yaseWitzenberg
















IWitzenberg Matric Fund (iWMF), eyasekwa ngaphezu kweminyaka elishumi edlulileyo, yasekwa ngenxa yokuzimisela nokuzinikela kukatitshala uMnu. Sarel Brown. Ukungcambaza kwenkolelo yakhe kumandla emfundo kuyaqhuba nokubumba amakamva amaninzi, nanjengoko abantu abatsha beqhubeka nezifundo zabo zamaziko emfundo aphakamileyo. Ngenxa yeenzame zakhe ezingenamkhinkqi, ukukhathalela kwakhe uluntu okungangxengwanga kunye nokuzimisela kwakhe okungagungqiyo ekudaleleni abafundi abangenazintsiba amathuba, uMnu. Brown unike ithemba kulutsha lwaseWitzenberg. Amandla, ukuzinikela nokuzimisela kwakhe kuvulele iingcango abantwana abanekamva eliqaqambileyo, kubaxhobisela ukuba balandele amaphupha abo besakha neendlela ezizinzileyo abaza kuzilandela ukuya phambili.

Ushiya umzila obonakalayo wethemba, ithuba nenkolelo ezinzileyo yamandla akumntwana ngamnye. Njengomasipala, sithi halala kubafundi bematrikhi baka-2025 abagqwesileyo kule ngingqi yethu ngempumelelo yezifundo zabo egqwesileyo. Ngokwa-mazwi kaSodolophu, uKhansila Trevor Abrahams, "Ukuba noThixo ngecala lakho; ukholo nengqeqesho ngundoqo ekufezekiseni amaphupha akho. Sikwavuyisana nabazali kunye nabakhathaleli babantwana. Ukuzinikela nokubandakanyeka kweni okuqhubekayo kubomi bemfundo yabantwana benu kungundoqo ekwenzeni ikamva labo liphumelele."

Kuye kwachotshelwa umsitho weembasa zeWMF ekupheleni kukaJanyuwari 2026 nalapho bekuwongwa le mpumelelo nokunyamezela kwabafundi bethu abaphumelele emagqabini. Eli phulo liyaqhuba nokwenza ifuthe elibonakalayo ngokubhiyozela ukugqwesa nokukhuthaza abafundi ukuba bafikelele kwawona mandla abo. Abafundi baseWitzenberg abagqwesileyo ngo2025:

- nguSkyler Meyer waseWolseley Secondary School
- uSamantha Ruiters waseTulbagh High School
- uCharl Conradie waseCharlie Hofmeyr High School
- uJamalene Jafta waseBella Vista High School
- uVuyela Mohololola waseLingcinga Zethu Secondary School
- uShirley Rooi waseCeres Secondary School
- uJasmine Muller waseSkurwerberg Secondary School

Sibaqhwabela izandla abafundi abagqwesileyo bethu ngempumelelo esemagqabini sikwadlulisa umbulelo ongazenzisiyo kuMnu. Sarel Brown ngegalelo lakhe elibaluleke ngeyona ndlela ekuphakamiseni imfundo kulo mmandla waseWitzenberg. Ngeenkcukacha eziphangaleleyo, qhagamshelana noMphathi: weeNkonzo zoLuntu, uSeon Swarts, kwa(023) 316 1854.